

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-TATU
IVEKI ZONKE.

Lijonge Ilungelo Lomzi
kupela.
Limele imfanelo ya Ba-
ntsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the PUBLICATION of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

Lirolelwa 3/6 nge Kwata
(tunyelwe ingekapeli)
4s ipela i Kwata ingaro-
lwanga.
Unokuhlalelwa wonke
Unyaka ekulveni kwawo
nge 13s 6d. - o—
Izaziso Zabazwelo,
Abatshatleyo, Nemibiko,
irolelwa 2s 6d, zingene
kanye ; 3s 9d kabini; 5s
katatu.

IXABISO 3D.]

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, NGOLWESI-TATU, NOVEMBER 15, 1893.

[Vol. IX, No. 471

DYER-DYER

(LIMITED.)

KING WILLIAMSTOWN.

Impahla Entsha Yasehlotyeni.

Isuti Ezintsha ze Twidi ziqala kwi 16/6.
Isuti Ezintsha ze Diagonal Tweed Emnyama ziqala 25/.
Isuti Ezintsha ze Blue Serge ziqala kwi 25/.
Iminqwazi Emitsha, Ihempe, Izitadi, Izihlangu, Amaqhina,
njalo-njalo.
Ibhulukwe Zamadoda Zekodi ziqala kwi 4'6.
Ihempe Zamadoda Zokusebenza ziqala kwi 1/ inye.
I Flanellette Zamadoda ziqala kwi 1/3 inye.
Ngokubalulekileyo-Ibhulukwe Ezilungileyo Zamadoda ze
Whipcord 6/6.
Ibhatyi Ezilungileyo Zamadoda ze Whipcord 10/6.

Impahla ye Kriketi ne Tennis,

ISANDULUKUFUKA:

IBHATI ne BALLS, IZITAMPU, I-LEG GUARDS, I-
GLOVES—zokudlala nezokunqanda emva kwe Wikiti. —I
RACQUETS ze TENNIS, IBHOLA, i NETI, njalo-njalo,
yonke into efunekayo.

AMAXABISO AHLISIWEYO KWI CLUBS.

Eyona igqitiseleyo neyona itshipu kuzo
zonke ngempahla eyenziwe Ngabasiki, ne-
Mphahla Zabafundisi, njalo-njalo.

DYER NO DYER, E-QONCE

ITUBA LOKWENZA IMALI

Zisani bonke UBOYA benu
Zisani bonke UBOYA BEBHOKWE
Zisani wonke UMBONA wenu
Zisani onke AMAZIMBA enu
Zisani yonke INGQOLOWA yenu
Zisani yonke IHABILE yenu.

Nayo yonke enye imveliso eninayo naniya kufumana
amanani Apakamileyo e Cash ngayo—YIZANI
KUBEKANYE naniya kuhlala nisiza ko

JAMES HODGES and CO.

QUEENSTOWN.



For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the Stomach, Sick
Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold
Chills, Flashings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blisters
on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling
Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This
is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they
will be acknowledged to be "WORTH A GUINEA A BOX".
BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete
health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a
Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;
they act like magic. —a few doses will work wonders upon the Vital Organs; Strengthening the
muscular
System; restoring the long-lost Complexion; bringing back the keen edge of appetite and creating
with the
ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in
hot
climates they are especially renowned These are "fuels" admitted by thousands, in all classes of
society
and one of the best guarantees to the Nervous in 1 D 'Imitate! is that Beecham's Pills have the
Largest Sale
of any Patent Medicine in the world, full directions with each box.
Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helens, Lancashire, England,
SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

UMBONISO WABANTSUNDU E CALA, NGOMHLA WE 29 MARCH, 1894.

ULUHLU LWAMABHASO.

CLASS A.—UBOYA BEGUSHA NOBEHBOKWE.
20 Amaqela Eyona Grease - £1 0 0 i Elona Bali le Grisi lilungileyo £2 0 0
<5*1 „ „ (enganeno) 0 10 0 c. „ „ (ilandela) 1 10 0

CLASS B.—IGUSHA NE BHOKWE.
Eyona Nkunzi ye Gusha - £1 10 0 10 Ezona Tlamile Zeslora Inkunziye Gusha
„ (ilandela) -10 0 ikutshwa ngu Mr. Levey G Ezona Mazi
„ ye Bokwe - 1 10 0 Zebokwe Inkunzi ye Gusha ikutshwa ngu
„ (ilandela) -10 0 Mr Turvey.
4 Ezona Mazi Zegusha - 1 10 0 6 Ezona Nkabi Zebokwe - £1 0 0
„ „ (amalandela) - 0 10 0

CLASS C.—AMAHASHE.
Eyona Nkunzi Yehashe - £200 Elona Tokazana Lehashe - £1 0 0
Eyona Mazi Yehashe - 10 0 „ (ilandela) - 0 10 0
„ (ilandela) - 0 10 0 Elona Hashe Lokukwelwa -10 0
„ Eyona Nkonyana Yehashe - 1 0 0 „ Awona Mahashe mabini ekari 10 0
„ (ilandela) - 0 10 0

CLASS D.—IHAGU NE NKUKU.
Eyona Nkunzi Yehagu - £100 Iranisi ne Ranisikazi - £050
Eyona Mazi Yehagu Eyona - 10 0 Idada ne Dadakazi - - 050
Nkabi Yehagu Isikukukazi - 10 0 Ikwakwini no Kwakwinkazi -050 -050
ne Nkunzi -

IMVELISO YOMHLABA (IZILIMO).
Eyona ngxowa Yengqolowa Eyona Ngxowa Yerasi - £0 10 0
Etambileyo - - £2 0 D „ „ Yembotyi ezibomvu 0 10 0
Eyona ngxowa Yengqolowa „ „ Ezimhlope 0 10 0
Etambileyo (enganeno) -10 0 „ „ ye Eryisi - -10 0
200 lbs Eyona Ngqolowa Ilu- „ „ ye Tapile - -10 0
kuni - -200 „ „ ye Tswete - -10 0
200 lbs Eyona Ngqolowa Ilu- „ „ Yehabile ezinko-
kuni (enganeno) -10 0 zo (emfupi) - -10 0
200 lbs Owona Mgubo usoliweyo 10 0 25 lbs Zelona Cuba elinywe
„ (enganeno) 0 10 0 kulo mandla akuwo umntu 10 0
100 lbs Eyona Flawa Yenggo- 50 lbs Ezona ngambu ze Man
lowa elinywe ngu Mbonisi 10 0 30 gold Wurzel - - 0 10 0
Ezitungu Zehabile Emfupi 10 0 200 lbs Intlobontlobo Zemifuno - -10 0
Ombona Obomvu - 1 0 0 „ Zeziqamo - - 0 10 0
„ „ Omhlope -10 0 10 Intlobontlobo Zamatanga - 0 10 0

INTO EZENZIWE E KOLONI.
Gibs Zeyona Botolo Intsha £0 10 0 1 G Ibotile Zobusi -
6 lbs „ „ uW.t £0 10 0 0
6 So Botile zezona Jam - - 10 lbs Amanqata Obusi - 0 10 0
G „ „ Jelly - 0 10 0 20 lbs ???- JL—O 0
Owona Mlenze we Hagu ofa- 0 10 0 0, Ezona Sonka Simhlope (white)
kwe etyweni (Ham) 0 10 0 Imisetyenzana eyenziwe nge-
Ezona Mbambo ze Hagu ezifa- 0 10 0 minwe (Fancy work) - 0 10 0
kwe etyweni (side bacon) 0 10 0 Eyona pair ye Kausi ezitu-
25 lbs Ezona Ziqamo Ezomisi- ngwe ngezandla (knitted sock) 0 10 0
weyo (dried fruit) 0 10 0 Ingqokolelayento Zokuhombisa 1 0 0

AMABHASO ABALULEKILEYO (Special Prizes).
U Hon J. Peacock ngengxowa U Hon J. Peacock kwakona, uya ku-
ezimbini zeyona Ngqolowa itambileyo - nika i Special Prize ngengxowa yeyo-
-£330 na ngqolowa itambileyo.
U Colonel Griffiths i Silver Cup nge 1000 U Major Elliot ngezona Mazi ze Gusha
loboya obuyi Grisi benyanga ezilishumi (Merino) ezifuywe ngumbonisi.
bube bobegusha zombonisi. U G. Fenix, Esq. - - - IpuLuwa
U Colonel Griffiths, kwakona, uyakunika i l'ascoe Bros. - - - £2 2 0
Silver Cup kumntu oyakubonisa ingxowa Savage & Sons - - - j-ji
ezintatu zeyona ngqolowa itambileyo. Peter Morris, Esq - - - IpuLuwa

IMITETO.

1. Izinto eziziswa e Mbonisweni maziqale ngo 1st March de kube ngo 21st March ozayo.
2. Impahla ehambayo nemveliso (produce) maze ibe semhlabeni nasezi Shedini zo Mboniso ngapambi ko 10 o'clock ugomhla womboniso.
3. Izinto eziziswa e Mbonisweni ziya kuhlala kona de kube ngu 3:30 p.m.
4. Abazise igusha ne bokwe e Mbonisweni mababe nepepa lo Mhloli we Bula elixela ukuba zimsulwa ebuleni.
5. Abazise izinto e Mbonisweni abasayi kuvunyelwa ukuba bangene ezintendelezwani maxa abagwebi baquba umsebenzi wabo.
6. Yonke into nempahla ehambayo eziswe e Mbonisweni mayibe nepetshana elitiwe nca kuyo elixela elona baso ingenela lona.
7. Yonke Imveliso Yezilimo eziswe e Mbonisweni mayibe yelinywe ngumntu lowo oyizisileyo o Mbonisweni.
8. Abantu abangengawo amalungu abasayi kuba nakufumana amabaso. Umboniso uvulelekile kuye wonke umntu ontsundu ose Koloni nase Transkei.

(Signed) R. TSENGIWE
P. FIGLAN

PEACOCK BROS. NO WEIR,

E KOMANI,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika
awona Manani alungileyo. E Komani
apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi
kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi,
Imbotyi, I-ortyis, umbona, Amazi-
mba bahlele benawo.

ANNOUNCEMENT:

N. MEYER,

Inchibi Yentsimbi Zamaxasha, Imisesane,

nama Jikazi,

Terms of Subscription (by Post). s. d.

12 Months - - - 13 G

6 Months - - - 7 0

Deferred payments are charged for at 4s. per Quarter.

This being the last Quarter of the year, outstanding subscriptions should be paid in without delay.

Wonke umsebenzi endiwupatisi-
weyo wenziswa msinyane ungowe-
nene.



LEMINTAKA I 18
IGQITILEYO,



SINGENISE KWELI LIZWE

IBLANKETE ZOBOYA

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU
BODWA, Igama lazo yi "EXTRA NAVY or
MATROSS"

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana
noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i
BLANKETE ZONKE ngopawu esilungile n-
Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele
lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE-
NE, kangelisa kunene ukuba inawona
umfanekiso we NGONYAMA
kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU-
ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo ke bizani Iblankete
ezinomfanekiso we Nkonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya
kwe Nciba nase zidolopini zonke.

PEACOCK BROS and WEIR, E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso weNkonyama-

Beauchamp, Booth Co.

EYONA VENKILE INKULU

NETENGELAYO

KINGWILLIAMSTOWN & QUEENSTOWN.

ITYALI

IPRINTI

ISETINI

IKELEKO

ISHITI ZEKOYI

Impahla Yomtshato Yonke

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE,

IZITORA "EZITSHIPU"

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo Izihlangu Ingubo
Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi
Obomvu.

Kunikwa amaxabiso angapezulul ngo BOYA, IZIKUMBA, UKUTYA ne
MPAHLA EHAMBAYO.

PASCOE, (U FOLOKOCO)

Uke Wayibonana IMPAHLA YAKE YOMTSHATO?

Ibhulukwe (ezisikiweyo), Ibhaty (eziyi Salvation zo na), Ibhaty (ezimfutshane) Nendulubhatyi.

Ingubo Zabafudisi, Isuti zenziwa njengomyalelo, Imisesane Yomtshato neye Ngeji (intlobo ngentlobo), Ibhutsi ne Shuzi (ezikalayo nezingakaliyo).

IMPAHLA YAMANENEKAZI YOMTSHATO

Ilokwe Zomtshato zenziwa kakuhle yi Dresmekaya ne Ngesikazi. Odola Ilokwe yako ngexesha le Bhulakufesi uya kugoduka nayo uyipete ukutshona kwelanga.

Imela Nefolokwe, ne Mpahla Yokupeka,— Itshipu Ngokungummangalisio.

Ningalibali ukuya apo niya kumbona kona ngokwake (Saluf) e

QONCE, EMONTI naseCALA,

U-FOLOKOCO

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO., GRAHAMSTOWN.

IFANDESI LEMPAHLA KUMASEBE ONKE.

I Blanket zamabala ziqalela kwi Is. 7d., Amabhayi ibubanzi bupindiweyo Hid., Imiqulu Eqaqambileyo yokwenza ilokwe iqalela kwi lid. nge yadi, I Tweed ' eziqaqambileyo zelokwe ziqalela kwi 3id. nge yadi, I Flannelettes 2id. nge yadi, Ezona zilungileyo i Printi zama Jamani nama Bhulu 6Jd- nge yadi, Ityali zoboya ezona Fishini zintsha ziqalela kwi 3s. kude kuba nge 30s. inye, I Quilts zamabala ziqala Is. IIEd., I Quilts ezimhlope ziqala 2s. lid., Amakulu amahlane e " knitted skirts " Is. 2d. inye.

Zonke impahla zibhalwe ngamanani acacileyo. Akuko nkohliso. Kwisebe le lokwe (Drapery) ngexesha le Familesili. ebfudula isapulwa nge xabiso le ponti iyakuyekwa.

Isebe Lezinixibo lakwa BON MARCHE :

400 ibhulukwe zamadoda (Bedford Cord) ziqala kwi 4s. lid. inye, I Suti zamadoda ze Tweed 21s. inye, I Felt Hats ezimaphiko abanzi 2s. umnye, Ibhaty zamadoda ze Tweed ziqala kwi 6s., I Bhulukwe ze Tweed 3s. 6d.

QONDISANI KAKUHLE—Wonke ubani otengenzinixibo zexabiso eliyi ponti (£1) uyakwapulwa isihleni ezi ntatu (3s.)

JOHN W. BAYES & CO.,

GIBBERD & BRYANT

KING WILLIAMS TOWN

I-PRINTI .'.EZINTSHA,

3d., 4d, 5d., 6d., 7W, 9d.

GIBBERD BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange. Iise lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Nokusasaza. 1/6 ibotile. Elika

COOK Jyeza Lukokohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile. Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe, 9d. ibotile. Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

COOK Iplisi 1/ ngebokisana. Eka

COOK Incindi Yezinyo, 6d. ngebotile. Oka

COOK Umciza Westepu Saba-ntwana. 6d. ngebotile. Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d. ngesiqunyana Oka

COOK Umciza we Cesine. 8/6.

Niqondise ukuba igama ngu **G. E. COOK, Chemist, E QONCE.**

Ngawenkohliso angenalo igama /ake, O watengisayo e Mount Frere, kwa Baca, J. J. YATES, " Umattendela."

G.P. PERKS NONYANA

ZE QONCE,

YEYONA NDAWO YOKUTENGA

Imisesane yoku " Ngeja,"

Imisesane Yokutshata, Amacici

Namehlo (Spectacles).

KANANJALO XA UFUNA

UKUHLAZIYA IWOTSHI.

MARKET SQUARE,

Kingwilliamstown.

Ukwazisana kwezihlobo.

Imibiko.

MPAHLA.—E Rara, Peddie, ngo 24

October, 1893, kubhubhe u JOSEPH

MPAHLA. Akafike ugudukile kaba efele e

Nkosini.

MANINJWA.—E Hebron, Matatielo,

ngomhla we 5 ku October, 1893,

kubhubhe u VICTORIA THOMAS MANINJWA.

Nangona ebonnyaka onenyanga ezi 6 ubudala,

umangalise umzi ngokubulisa abantu nge-

sandla. Ube lefinye lamawele amatatu.

MTEMBU.—E Harrismith (O.F.S.) ngo


mhla wa 27 ku October, 1893, kubhu-

bhe u MIRIAM MTEMBU, Inkosikazi etande-

kayo ka Rev. T.V. G. Mtembu, Umki

ngoxolo. Ubudala: 31 years, 7 months.

Izihlobo mazamkele lombiko. 312211 *



KWABAKUFUPI

.....NABAKUDE

(Ngokukodwa AMA TRANSPORT)

IMIXESHO YENYAMA

NE ZONKA,

NINOKUYIFUMANA KO

Smith & Gregg,

UMELENE NAMAGQUBA APAKATI

CAMBRIDGE || ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

GEO. HATCH

Enyutawuni, Cambridge Road

TENGANI NGEMALI

KWI

VENKILE YOMZI,

Naniya Kuyilondolozo Imali Yenu.

Ikofu erwada yase Rio 11 ngeponti. Kanilinge i tea eyazekiyo ekutiwa yi Souchong (Shushwana) 1,9 qa ngeponti.

Ubucagalala bonke bento ezinje nge Sweekile, Kofu, Jam no Tiya, njalo njalo, ziko

KWI VENKILE YOMZI

GEO HATCH,

E QONCE.

J. NEWING

Umwezi Wempahla,

(Ekoneni ye Maclean Square)

E QONCE

UFUMANA IMPAHLA EZIPUMA NQO

KUBENZI BAZO.

Impahlaze Tweed Zamanene Impahla zamadoda Zekodi neze - Krikete. Intlobo ezintle kuneno ze Printi Nemichako ye Lokwe.

Impahla Yokwaka yentlobo zonke.

Ikofu ne Sweekile, njalo-njalo.

Yonke into intsha, ilungile, itshipu— Yizani kubona

Imveliso yomhlaba itengwa nge Cash ngamanani apakamileyo e Malike. 6msfr181093

P. S. JEFFREY,

UNGA angabulela abatenga Evenkileni

zake rgobubele bokumxhasa kwixesha

eligiqitileyo. Unqweneli ukwazi

Umzi ose Kamastone nase Hewu

Ukuba ivenkile zake ezise

Kamastone, Didimana nase Donnybrook.

Zizele ngoku Yimpahla

YALO MCHÉBO.

UYITENGISA NGAQHISELEYO NGOBUPANSI

WONA AMANANI ETENGE NGEMALI UMNTU

—O—

Eziketiweyo zona Ibhulukwe Za- madoda—

ezivulekileyo ezantsi.

Izihlangu zamadoda ezizitende zide Izitofu

—intlobo ezintsha.

Ityali Ezibuhlungu Zoboya—zama-

nkazana.

Intlobo ze Printi.

Yonke into etengiswa ngabantu itengwa

ngemali, rgamaxabiso anokufunyanwa nani.

Uboya Begusha ne Bhokwe bufuneka mu.

ZONKE IZIKWELITI ZALOMCEBO KUFU.

NEKA ZIHLAULWE PAMBI KOKUPELA KWALO NYAKA,

okanye ziya kunikelwa kubaquki,

5d312

KUFUNWA

UMPEKI ONTSUNDU

Kwane Nasi.

MAYIBE ngabantu abanezimilo ezihlo.

Bafunwa kwa

MRS. KNIGHT,

Albert Road, e Qonce.

7 November, 1893.

INDODA etu ukuzibiza ngu KONDILE

TYESI eyati ivela kwa Kama. Yindo

dana entsundu, ekanyayo, enobom, engqo,

ngawana, emazinyo ufuna ukuti si, ibuti-

nita xa itetoyo. Iirwanqa elinentshetyana.

Nenkazana engu SIKULA, inde, intsendu,

inobom, izibekile, ilulamele, ima?? matatu

ubungana bayo; yeka SENGU inkosana

yakwa Ntinde e Ncevera - u Sengu, uyise

wenkazana leyo, uzalwa no Nxanga no

Jan Tsatsbu. Ncedani mpi yase Bhai,

Tinara, njalo-njalo. Iukazana leyo ilive,

Olandisayo webhala ku Mhleli, Ndingu

SENGU, Kwi Ncevera ka Tsatsbu, 10

November.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-TATU. NOV. 15, 1893.

Iveki.

UCHWANE luhube Iwavela e Kapa.

UCINGO luza kuhamba pantsi komhla- ba e Johannesburg.

KWIFAMA ekufupi e Lutukela (Natal) kufunyenwe i Netevu ezi 20 zihlwe yingqakaqa.

UNYULO LO Mongameli (President) wase Free State luyakuba ngolwesi-Tatu 22 November lo.

IBUYE yatululwa kwakona invula kweli ngo Mvulo wegqitileyo—likili kwapela, ngolwesi Tatu

I BISHOP entsha yase Lebonno (u Right Rev. Dr. Smythe) ubekwe izandla e Rini nge Sabata engapaya.

BATATU kupela ngoku abantu abasa- gulayo yingqakaqa e Kwelera. Kakadu baselungeinweni bodwa.

E TINARA ibantinti elintsundu lingqu- beke pantsi esitatlatweni—fikili kwapela, ngolwesi Tatu lwegqitileyo.

INKWENKWANA emhlope engu Winters e Pretoria ityibilike ibipezu kwendlu yaka ukuba ingabuyange ivuke.

NGO MVULO wegqitileyo ivenkile yo Messrs. Shone & Co. ibujiswe ngumhlo e Potchefstroom. Idemsethe £2000.

INKOSIKAZI yomfi u Sikukuni (obeyi- nkosana yama Auwa e Transvaal) ibu- bele e Pretoria ngobusuku be Cawa engapaya.

IFAMA ebelivela e Kimberley lisiya e Kapa lihamba ngolwesi lipangwe eRe- nini sisipompotela esilidubule ngepistoli engalweni.

KUTIWA ifiva nomlulaweni uyatyiki- itya kubi pakati kwempi emahlwempu e Johannesburg ngokuswela amaqira namayeka.

NGOKUQUMBA kwe damaneti e Boks- burg (e Rautini) ngolwesi-Ne olugqitile- yo kufe iqela lo Kalile abanye bazi ngxwelerha.

KUNGXUMA oyi New Chines Mino e Johannesburg i Netevu iraxwe yi gas kwapel' enukwini ngolwesi-Bini lwe- vekel egqitileyo.

IVENKILE ka Mr. Wolfe e Claremont ngase Kapa itshe pam ngumhlo nge Sabata engapaya akwasinda nento le ngapandle kwentswelo.

NGO-MVULO wegqitileyo kucolw'e u??? ??? wokungwaba esitatlatweni e Bloemfontein. Kuce- ngwa ukuba ize namagezana efameni.

SIVUYA nabavoti base Queenstown ngokuba u Dr. Berry ede wavuma na- mhla ukuba anyulelwe i Palamente.

Makungajongwa kuyimbi ke inkalo ngumzi.

IHLANGULWE emalangatveni seyisitsha indlu ka Mr. William Wedderburn e Rini ngolwesi-Bini lwegqitileyo. Kuku- getuka kwesibane esishywe sivuta eka- mbileni.

UMLUNGU ongumbi wo Goli u Mr. Collin Campbell utshele pakati enqu- gwaleni kwapela ngolwesi-Tatu lwepele- leyo e Spitzkop e Transvaal. Bekusi- tsha idobo.

E LUXWESO (emdeni waloma Mpondo) i Netevu igwaze iqakamba elingu Carly ngolwesi-Hlanu lwengapaya kwa- sa lidasha ngemini elandelayo. Enyel' umciza inkomo.

NGOKUWA komashini ekusetyenzwa ngaye kwizakwio ezitsha ze Post Office e Kapa kwenzakele amadoda ababini ngo Mgqibelo engapaya. Enye yawo iquakela e hospitala.

UGQIRA u Dr. van Niekerk wase Johannesburg ubekise ingxelo kwi Bantla ebelisingete imicimbi yengqaka- qa esiti malivuye kuba isifo eso sipelile, noko imindwakela ingasakupela kanyo okwexesha.

ITE izele, xa ibizele mome tu ngabantu indlu yemidlalo eBarcelona (Spain) abacas bolaulo baposa imbumbulu yedamaneti equkeme bagilana ukube- ka emnyango, kwafa 30, kwenzakala 80. Babanjwe

KUYASONWABISA kwakona ukuti u Mr. Barrable uliroxisele igama lake elunyulweni e Queenstown akuba u Dr. Berry evumile ukuba abe ngomnye wabanyulwayo. Siyatamba ukuba no- mhlobo wetu u Air. Rogers uyakuroxa naye.

E GQILI (Herschel) into eziveleleyo okwangoku zimvula, zingqele, nomoya, ezonto zontatu zamandla. Umoja ngo 3 November ute qepu kakulu icala lendlu yokubedshela yase Bensonvale yemka nalo, waliti jwi kwindulana esentla kwayo. Noko kunjalo zihanj- selwa kona izikolo nezikonzo.

KUMNYULI E QONCE.

AMAWETU alunge kwisithili

sase Qonce ayifumene into

abekade eyifuna. Siteta ituba

lokumisa indoda evileyo yokuba-

pulapulela nokubabhekisela e Ban-

ndla apo kutetwa indaba zeli lize.

Kumzuzu unesiroro umzi sokuba

ungenalungu lanelisa njengo Mr.

HAY no Mr. TAMPLIN base Dikeni;

'mbangi ibikukuba amalungu abanawo—o NONKENYANE no SABLO-

KWE, Inkanunu—ingamadoda eku-

ngoko lulo lumifitkayo kuwo. U

NONKENYANE si???? ngokuvula

kwindaba zalomkondo; u SABHO-

KWE seloko waba yintshika engena

bhaxa ekungaxonywa into

kuyo. Ute akubon'ukuba unjalo u NONKENYANE ubuya ngoku beli-

debene i Bantla, engumntu odibana nabahlobo bomzi o Messrs. INNES no SAUER, alike ngoku wazimanya ku SABHOKWE neqela lake, ohamba ngoku esiti: U NONKENYANE ugu- qukele kuye.

Kulamamqaku asingi singangxuta pezu kwenqubo ka Mr. WARREN ukufuduka kwake kubahlobo nakwimihlaba abesakunyulwa ngenx' engapambili ekuyo ngezimvo ezingenqubo yom'buso efanelekileyo. Sesite nayoko ebengenabo obu bugqwidigqwid ubengenanto ininzi ilindelwe kuye kuba ehleli emfu- tshane engqondweni nolwimi luqo- boshekile entweni ekungayo. O- kumbula amawetu ase Qonce ukuba ubesakunyunyiswa kodwa kwenye indoda eyo meleleyo:—

njengaku Mr. F. DYER ngapambili; ku Mr. RICHARD SOLOMON emva koko, ekungabanga mnandi ukusala ko- yena mtu saye sisingete yena ukugqibela, ukuze kungene yona.

Indawo esingayo namhla kuku- pakamisa indodana esingena mata- nda ukuba igama layo liya kuvakala kamnandi kwamawetu ase Qonce ebekwe pambi komzi ukuba itabete esinye isihlalo, sokumela i Qonce— siteta enye yento zika HAY ezigama lingaswele kwaziwa ngabantsundu ngobuhlobo ob'uzza buvela kude. Le isondezwe e Qonce ngumninawe welungu lase Dikeni, waye nge- ntebenzo esoloko u Mr. GEORGE HAY waba kunye nomkulule wake lowo epepeni; aseculo nanamhla engazanga wawushiya umkondo wokumela imfaneko nakontsundu. Indodana le ingqondo yayo intle, njengokuba ayakuyiganda amawetu xa ijikelayo ngentlanganis; kunjalo nje ungumf onamanqaku, okwaziyo nokubhekisa ngenteto. Simazi tina u Mr. HAY lo

ubekwe pambi kwabanyuli-Palamente base Qonce, sendele kwinkolo yokuba uyakuba lelinye lamalungu apa- mbili ukuba ube netamsanqa loku- ngena kwelo Bantla.

Siyiyaleza emzini lendodana njengoyena mtu kufanelwe ukwenziswa amaqingapileyo ngaye ukuba angeniswe. Kambe sitsho ungeminzi umzi ontsundu oba- nyuli-Palamente e Qonce wakuba utelekwisa nomhlope :

kodwa ngo- kuhlala uti cwaka, uzimisele nge- ntliziyi kube kupela unokwenza into esaka sayenza, ngemvisiswane nentobelwano okanye e Dikeni, nyakana sangenisa u Mr. INNES— inani letu li 150 kupela, elabamhlope li 400. Ingqondo noma- nyano —zizo into ezosinceda uku- pumelelisa into esiyizondayo.

INQAKU ELIFUNA UQWALASELO.

MASIFUMANE sizitembise

Ukudlelw' indlala ugu Rubumeni.

[INCWADI ETUNYELWE UMHLELI.]

NKOSI.—Ngenomvele yako ndicela isituba ukuba ke ndibalise ngokufutsbane elibali hlandelayo ngenito ekungatanga xa soku pendwa inyanyiso—kuku dlu' indlala okuphendeyo. Kuyinkululo yam eqinisekileyo ukuba into mayitve njengoko injalo xa kufuneka. Malu—ngu nokutwasa kuba July opelelyo nda-bhekisa isicelo nge Mantyi ebekileyo yase Nguushwa, ngokwesiko, ukucela imvume ukuba ndimise ivenikile ekayeni lam, e Gcebula, kwitshili sase Nguushwa. Eso sicelo sabhekiswa ku Nobhala we Lokeshoni, owezayo e Gcebula ukuba kuva uluvo lomzi, olwaba lolwamkelelayo. Lomcimbi ke wabhekiswa ku Rubumeni; u Rubumeni wabahlala ku Mantyi wetu efuna uluvo isimilo sam. Andikuma apa ndiqwalasele ukuba lonto yesimilo sam ibe idibene ngantonina nesicelo sam. Ndamnikela ke u Mantyi amapela axela ngesimilo sam ndaza ndaya kulala emngxunyeni wam ndinxangupele, enditemba ukuba babecinga ngokuti andisayi kubuya ndipume kuwo. Wafa u September kungavakalanga into yenziweyo. Ngo October, ndaxelwela ukuba u Rubumeni ubu novuyo olukulu ukusibhekisa isicelo sam. Nalo ke ibali endibalisayo. Koononywa ukuba akuko zizatu zibekwayo zibalulekileyo nezokuhlisa mhlabumi ezibangele esisigqibo, Esiziza kwaliwa na; ngoluhlobo loku-tyelw' indlala ukuba ndime kuso ngu Rubumeni, kwiminyaka embalwa egqitileyo kwakumi kuso ivenikile yom-Yerepe, u Mr. Marsh. Sek ndateta ngenene elanga ngesimilo,—inene endandigqibele kulo ukukozeka, ke nangendawo yokuba ndinesitshelo esanelisayo sesimilo endasinkwisa lilo—kuba lomunzama yankosini etile ye Sebe le Mischonzi ye Komku lase Kapa—abungqina bake andiboyikeli kuba lalindinike ngesandla salo imyaka elihle ukulishiya kwam. Kwakuba kwelingqam angabusa omnye imbangi yokumangalwa kwesicelo ukuba ingabayintoyi? Olwam uluvo lolu lokuba lingaku elidandalazileyo, nelifezekileyo elenziwe kwi Netevu kuba inmyama. Mlesi nceda uyiqonde lendawo, ukuba andilweli lungelo lam ngenqu—nakujona ngali—kodwa ndilwela indawo yokuba lento ibonakale ngati kufungqinwiba inhlambuluko esimant' sisiva futi ngayo kwizihlobo zetu—abafundisi.

W. BENSON KAWA. Gcebula, Peddie, October, 1893.

UWUVO LOTITSHALA.

Sikutshiwe isaziso sakomkulu sokuba oluvivo nonyaka luyakuqala 5 December nentsuku ezimbini ezilandelayo, Luya-kuba kwindawo ezilandelayo:—*Alwal North*: 14, abantumele amagama bavola e Alwal North, Burghorstonein, Izerfontein, Steynsburg. *Bensonvale*: 10, Bensonvale, Hebron, Sauer Junction. *Blythswood*: 41, Blythswood, Butterworth, Cala, Dingswayo's, Hota, Isakuba, Magodla, Nyidilana, Tutu-r. *Caledon*: 5, Laledon, Genadendal. *Cape Town*: 44, Cape Town, Durbanville, Pella, Robertson, Sea Point, Simon's Town, Wynberg. *Clarkebury*: 15, Clarke-bury. *Craddock*: 17, Colesberg, Craddock, Hanover, Somerset East, Spitskop. *East London*: 15, East London Vermont, *George*: 14, Belvidere, George, Gleebe, Knysna, Oudshoorn. *Graaff-Beinet*: Graaff-Keinet, Murraysburg, New Bethesda. *Graham's Toivn*: 51, Bathurst, Ehlo-sini, Graham's Town, Peddie, Port Alfred, Shaw Park, Tootabie. *Heald Town*: 14? Fort Beaufort, Heald Town, Seymour? *Kimberley*: 13, Jagersfontein, Kimberley, Leeuwfontein, Petmsville, Setlagoli, Vryburg. *King William's Town*: 35, Etembeni, Keiskama Hoek, King William's Town, Middelfrft. *Kokstad*: 7, Highlands, Kokstad, Rustfontein. *Lovedale*: 41, Lovedale. *Morija*: 13, Morija. *Port Elizabeth*: 19, Draaifontein, Hankey, Paardenfontein, Port Elizabeth, Uitenhage, Wolfenfontein. *Prince Albert*: 10, Donkerhoek, Juriesfontein, Prince Albert, Slangfontein, Steenroffs- fontein, Stolohok. *Queen's Town*: 13, Dordrecht, Driefontein, Embizana, Grey Town, Lady Frero, Queen's Town, Stock-ton, Tarkastad, Toise River. *Riversdale*: 18, Barridale, Ladismith, Riversdale, Swellendam. *Stellenbosch*: 29, French Hoek, Groot Drakenstein, Simondium, Somerset West, Stellenbosch. *Umtata*: 16, Gqagalga, Umtata, Woodstock, *Wellington*: 57, Dal Josaphat, Paarl, Wellington. *Worcester*: 17, Ceres, Ceres Road, Drostdy, Tulbagh, Worcester.

IIZINCOKO ZELEMBOKOTWE

[NGU DAYIMANI NO. II.]

Kuseloko wabhotisayo u Dayimani wakica igaga lake lomsi, wafaka izandla zixingxweni kwati namntu ngDayimani, ezatini manene ase Dayimani nabandi be "Mvo," u Dayimani akaseko akashywa-nga nempundana yokuke imane toro kona kodwa, ibika ngeziganeko zalomzi.

Nase Dayimani kute cwaka izipitipiti, namawelewele akoyo kwezinye idolopu akate sa apa. Amadoda afumane ezole ajona itemba lokubuya kwemihla-eya-gdiyayo yelase Dayimani; kuba kusitwa sekucandayo e Tois Pani indawo eziza-kumbiwa, emingazi nokuba zinemilo kuzo. Lomzi ngu mzi wengqubela bambili ne ngqwayela emva njengoko no Dayimani watshoyo; nokuba ningati akatshongo, seva naye tina ukuti ikhaba nomntinjana "ulele" e Dayimani. Ungatsho uke weva amadoda ase Dayimani amadala xa uteta ngefama zawo ezinzangane zide zalanywe mntu; kuba azizange zibeko: zezomlomo lo umpakumpaku, Kunjalo ke kwele ngqwayela icala. Kwatsho kuba u Dayimani ukuh' lomzi ngqwe ngqubela. Ndiyavuma, yimisi, kuba lomzi uya- kula ngakwelo cala. Nakuba eko Lamafa efama esingazibonyo ako kwabangenzo ifama awabonakalayo kubo; lamafa emkompi ze Assurance angenwe kaku- lu, ayeke ingawona mafa ayakuti ukuba aciniwe abe yindlela elula yokunyuka kwesizukulwana sase Africa sisondele ku Tshana.

